

Ukholo LweTestamente ENdala



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela le Veki:

Gal. 3:1–14, Roma 1:2, 4:3, Gen. 15:6, 12:1–3, Lev. 17:11, 2 Kor. 5:21.

Indima Yenkumbulo:

UKristu wasithenga . . . ngokwenziwa isiqalekiso ngenxa yethu—kuba kubhaliwe kwathiwa, Uqalekisiwe wonke umntu oxhonywe emthini” (Galati 3:13).

Inkwenkwana encinane yayenze isikhephe esincinane, yasipeyinta yasenza sasihle kakhulu. Ngamini ithile, bani uthile wasiba esi sikhephe, yakhathazeka ngendlela emangalisayo le nkwenkwana. Ngenye imini, yathi idlula kwivenkile ethengisa izinto ezindala, yabona, yakhala, ‘Nasi isikhephe sam!’ ‘Hayi,’ watsho umnini venkile, ‘sesam, kuba ndasithenga.’ ‘Ewe,’ yatsho intwana, ‘kodwa sesam, kuba ndasenza.’ ‘Ukuba utsho, uya kunyanzeleka undihlawule iidola ezimbini, ukuze usifumane.’ Yayininzi kakhulu le mali kule ntwana kuba yayingenayo nemdaka. Yesuka yahamba yaya kuzama iqhinga; yacheba ingca, yenza neminye imisetyenzana enokuyizuzisa imali, kwathi kungekudala, yanayo imali. “Yabaleka yabuyela evenkileni, yathi, ‘Ndifuna isikhephe sam.’ Yayihlawula imali, yasifumana isikhephe. Yasiwola yasifumbatha ezingalweni, yasanga yathetha naso, ‘Sikhephe sam esincinane, ndiyakuthanda. Ungowam. Ungowam kabini. Ndakwenza kuqala, ngoku ndikuthengile.’ “Kunjalo ke nakuthi. Ngandlela ithile, singabeNkosi kabini. Yasidala, saza sayakufika kwivenkile yomthengisi wezinto ezindala. Wafika uYesu wasithenga ngexabiso elikhulu kakhulu—elingeyiyo igolide nesilivere, kodwa eliligazi laKhe elinexabiso. Ngoko ke, singabeNkosi ngokudalwa nangokuhlawulelwa.”—William Moses Tidwell, *Pointed Illustrations (Kansas City, Mo.: Beacon Hill Press, 1951)* p. 97.

**Funda isifundo sale veiki ukulungisela iSabatha kaJulayi 29.*

AmaGalati Aswele Ukuqonda

Funda Galati 3:1–5. Shwankathela apha ngasezantsi oku kuthethwa nguPawulos kwaba bantu. Yeyiphi indlela esingathi nathi siwele kulo mhadi ngokwasemoyeni, ngokuthi siqale kakuhle size siwele kubuqonondisi-mtheto?

Inguqulelo eziliqela zangoku zizamile ukuyifumana ingqondo yamazwi kaPawulos kwindima 1 ngamaGalati “aswel’ ukuqonda.” Elona gama alisebenzisileyo uPawulos kwisiGrike lilukhuni kunoko. Igama ngu-anoetoi, laye livela kwigama elithetha ingqondo (nous). Litsho ukuthi, “ukungabi nangqondo.” AmaGalati ayengacingi. UPawulos akapheleli apho; uthi, kuba enza ngobudenge kakhulu, ade amangale ukuba kungaba kukho xhwele libanyangileyo na. “Ngubani onithakathileyo?” Kwa ukukhetha oku kwakhe amagama, kuthetha ukuba imvelaphi yayo yonke le meko akuyo (amaGalati) ngongendawo (2 Kor. 4:4). Into emmangalisa kakhulu uPawulos kakhulu ngokreko lwamaGalati evangelini yeyokuba ayesazi ukuba usindiso lumile emNqamlezweni kaKristu. Asinto leyo awayenokuyiphosa. Igama eliguqulwe “ukuzotywa” okanye “ukubhengezwa” kumaGalati 3:1 lithetha “ukubabazwa” okanye “ukuzotywa.” Lalisetyenziswa ukuchaza lonke upapasho lwasesidlangalaleni. UPawulos uthi, umNqamlezo wawusembindini kakhulu ekushumayeleni kwakhe kangankokuba amaGalati, kwenzeka ukuba ambone ngeliso lengqondo uKristu ebethelelwe (1 Kor. 1:23, 2:2). Ngamanye amazwi uthi, ngezenzo zabo, bayawushiya umNqamlezo.

Usuka ke ngoku uPawulos athelekise la mava amaGalati akhoyo ngoku nokuqala kwawo ukuza kuKristu ngokholo. Ukwenza oku ngokuwabuza imibuzo-buciko. Awufumana njani uMoya, okuthi, aba ngamaKristu njani kuqala? Abuye avele kwelinye icala elingathi lahlukile kancinane, Kwakutheni ukuze uThixo awaphe uMoya? Ingaba kukho nto ayenzayo ukuze amnikwe? Ngokuqinisekileyo awazange enze nto! Endaweni yoko, kungokuba akholelwa kwiindaba ezilungileyo zento awayesele ewenzele yona uKristu. Emva kokuba eqale kakuhle kangaka, yintoni eyayinokuwenza ukuba ngoku acinge ukuba kufuneka axhomekeke ekuziphatheni kwawo?

Kukangaphi ekuthi wena uzifumane uzicingela uwedwa, Noko ndiqhuba kakuhle. NdingumKristu oqinileyo noko, andikwenzi oku nokuya okanye andi . . . ube sowusithi, ucinga ngokuphantsi, Noko ndilunge ngokwaneleyo ukuba ndingasindiswa? Yintoni eyimposiso ngalo mfanekiso?

Ukumila EsiBhalweni

Ukuza kuthi ga apha, kwileta yakhe, uPawulos uyikhusele ivangeli yakhe yokugwetyelwa ngokholo ngokubhenela kwisivumelwano ekwakufikelelwe kuso ngabapostile eYerusalem (Gal. 2:1–10) nokwazi kwakhe amaGalati ngokwawo (Gal. 3:1–5). Ukuqala kumaGalati 3:6, uPawulos ngoku ubuyela kubungqina besiBhalo ukugqibezela ukuqinisekisa ivangeli yakhe. Ngenxa yoko, umaGalati 3:6–4:31 uzele ziingxoxo ezimile esiBhalweni.

Uthetha ukuthini uPawulos xa ebhala ngesi“Bhalo” kumaGalati 3:6–8? Qaphela: Roma 1:2, 4:3, 9:17.

Kubalulekile ukukhumbula ukuba, ngexesha uPawulos wayebhala ileta yamaGalati, yayingekho i“Testamente eNtsha.” UPawulos wayengowokuqala kubabhali beTestamente eNtsha. Ikho into ethi ivangeli kaMarko inokuba yayiyeyokuqala kwiivangeli ezine, kodwa kunokwenzeka ukuba yayingabhalwanga kwada kwalithuba lasemva kokufa kukaPawulos (A.D. 65)—oko kukuthi, kwisithuba seshumi elinesihlanu emva kweleta kaPawulos eya kumaGalati. Ngoko ke, xa uPawulos ebhekisa kwisiBhalo, wayeneTestamente eNdala kuphela engqondweni. IziBhalo zeTestamente eNdala zidlale indawo ebalulekileyo kwiimfundiso zikaPawulos. Akaziboni njengeendima ezifileyo kodwa njengegunya eliphilayo leLizwi likaThixo. Ku-2 Timoti 3:16 ubhala athi, “Sonke isibhalo, siphefumlelwe nguThixo.” Igama eliguqulwe “[si]phefumlelwe” ngu-theopneustos. Indawo yokuqala kweli gama (theo) ithetha “Thixo,” lo gama eyesibini “[si]phefumlelwe” ithetha “ukuphefumla.” IsiBhalo “[si]phefumlelwe nguThixo.” UPawulos usebenzisa isiBhalo ukubonisa ukuba uYesu unguMesiya owathenjiswa (Roma 1:2), ukukunika kwakhe imfundiso yokuphila ubuKristu (Roma 13:8–10), nokubonisa ubunyaniso nokuma kweemfundiso zakhe (Gal. 3:8, 9). Kunzima ukubonisa kanye ukuba kungamakhulu amangaphi ukucaphula kukaPawulos kwiTestamente eNdala, kodwa kufumaneka kuzo zonke iileta zakhe, ngaphandle kwezona zimfutshane, uTito noFilemon.

Funda ngocoselelo umaGalati 3:6–14. Phawula kwezo ndima iindawo azicaphulayo uPawulos kwiTestamente eNdala. Ikuxelela ntoni loo nto ngegunya eyayinalo iTestamente eNdala?

Ingaba ukhe uzifumane ngelinye ixesha ucinga ukuba indawo ethile eBhayibhileni “iphefumlelwe” kunezinye iindawo? Ngokwentetho kaPawulos ku-2 Timoti 3:16, iyintoni ingozi yokuhamba loo ndlela?

Ukubalwa Njengelungisa

Ucinga ukuba kutheni uPawulos eqala ngokubhenela kuAbraham xa ekhangela eziBhalweni ukuqinisekisa isigidimi sevangeli yakhe? (Galati 3:6).

UAbraham wayesembindini wobuYuda. Wayenganelanga nje ukuba nguyise wohlanga lwamaYuda, kodwa amaYuda ngexesha likaPawulos, nawo ayekhangele kuye njengohlobo lwento ekufuneka eyiyo umYuda wenene. Amaninzi ayenganele kukholelwa ukuba olona phawu lumchazayo yayikukuthobela kodwa kukuba uThixo wathi ulilungisa ngenxa yoko kuthobela. Ngapha koko, uAbraham walishiya ilizwe lakowabo kunye nabantu bakubo, wamkela ulwaluko, wakulungela nokubingelela ngonyana wakhe ngokomyalelo kaThixo. Kukuthobela oko! Ngokunyanzelisa kwawo ulwaluko, abaphikisana noPawulos, ngokuqinisekileyo, babexoxa ngokwale mihlaba. UPawulos, phofu, uyaziguqula izitya ngokubhenela kuAbraham—kalithoba kumaGalati—njengomzekelo wokholo endaweni yokuginwa komthetho.

Phawula indawo ecatshulwa nguPawulos kuGenesis 15:6. Ithetha ukuthini xa isithi, ukholo luka-Abraham, (uThixo) “wa[lu]balela ebulungiseni kuye”? (bona nakumaRoma 4:3–6, 8–11, 22–24.)

Nangona ukugwetyelwa kwakusisifaniso esasithatyathwa kwilizwe lomthetho, igama “[uku]balelwa” sisifaniso esikhutshwa kumhlaba woshishino. Lithetha “ukuhlawulwa” okanye “ukubeka into endaweni yetyala lomntu.” Alisetyenziswanga kuphela kuAbraham kumaGalati 3:6, kodwa lifumaneka amanye amathuba ali-11 ngokubhekisele kwinyange. Ezinye iinguqulelo zeBhayibhile zisebenzisa amagama esiNgesi aliqela akwathetha “ukubalelwa.” [counted, reckoned, or imputed.] Ngokwesifaniso sikaPawulos, into ebekwe kwityala lethu bubulungisa. Umbuzo ngulo, xa kunjalo, Kungasiphi isizathu athi uThixo asibalele ukuba singamalungisa? Ngokuqinisekileyo asikuko ukuthobela—njengoko abaphikisana noPawulos besitsho. Akukhathali nokuba bathini ngokuthobela kuka-Abraham, isiBhalo sona sithi, kwakungenxa yokholo luka-Abraham ukuze uThixo ambalele ukuba ulilungisa. IBhayibhile icacile: Ukuthobela kuka-Abraham kwakungenguwo umhlaba wokugwetyelwa kwakhe; endaweni yoko, kwakusisiphumo [sokugwetyelwa]. Akazange azenze izinto awazenzayo ukuze agwetyelwe; koko wazenza kuba wayesele egwetyelwe. Ukugwetyelwa kukhokelela ekuthobeleni, asikokuthobela okukhokelela ekugwetyelweni.

Gxila kokuthethwa koku—ugwetyelwa kungengayo nayiphi into oyenzayo kodwa kuphela ngento uKristu akwenzele yona. Kutheni le nto ezo izindaba ezilungileyo? Ungakufunda njani ukuyenza loo nyaniso ibe yeyakho; ukuthi, uyikholelwe ukuba ibhekisa kuwe, buqu, nokuba amadabi akho anjani, adlulileyo nawangoku?

IVangeli KwiTestamente eNdala

“Isibhalo, sibona ke ngenxa engaphambii ukuba uThixo uyazigwebela iintlanga ngokwaselukholweni, sazishumayela ngenxa engaphambili iindaba ezilungileyo kuAbraham, sisithi, Ziya kusikelelelwa kuwe zonke iintlanga.” (Gal. 3:8). UPawulos ubhala athi, ayizange ishunyayelwe kuphela ivangeli kuAbraham, kodwa yayinguThixo ngokwaKhe owayeyishumayela; ngoko ke, inokuba yayiyivangeli eyinyaniso. Washumayela nini, phofu, uThixo kuAbraham? Isicatshulwa sikaPawulos kuGenesis 12:3 sibonisa ukuba unengqondo yomnqophiso kaThixo kuAbraham xa wayembiza kuGenesis 12:1–3.

Funda Genesis 12:1–3. Isixelela ntoni le ndawo ngobume nomnqophiso uThixo awawenza noAbraham?

Isiseko somnqophiso kaThixo noAbraham sizinze kwizithembiso zikaThixo kuye. UThixo uthi kuAbraham, kude kube kane, “Ndiya.” Izithembiso zikaThixo kuAbraham, ziyamangalisa kuba zizonke zicala-nye. UThixo wenza konke ukuthembisa; uAbraham yena akathembisi nto. Le nto ichasene naleyo abantu abaninzi abayizamayo xa befuna ukuhambelana noThixo. Sikholisa ukuthembisa ukuba siya kumkhonza, ukuba nje angasenzela okuthile njengembuyekiso. Oko kukuqononondisa umthetho. UThixo akazange amcele uAbraham ukuba athembise nto kodwa amkele yena izithembiso zaKhe ngokholo. Phofu ke, yayingengomsebenzi ulula lowo, kuba uAbraham kwakufuneka afunde ukumthamba ngokupheleleyo uThixo angazithembi yena (bona uGenesis 22). Ubizo luka-Abraham, ke ngoko, lubonisa umongo wevangeli, okukugwetyelwa ngokholo. Abanye baphazama ngokugqiba kwelithi, iBhayibhile ifundisa iindlela ezimbini zokusindiswa. Babanga ukuba kwiTestamente eNdala usindiso lwaluxhomekeke ekugcinweni kwemithetho; kamva, kuba loo ndlela ingasebenzanga kakuhle, uThixo wawubhangisa umthetho walwenza usindiso ukuba lufumaneka ngokholo. Akukho nto inokudlula le ngokuba kude enyanisweni. Njengoko uPawulos ebhala kumaGalati 1:7, inye kuphela ivangeli.

Yeyiphi eminye imizekelo onokuyifumana kwiTestamente eNdala engokusindiswa ngokholo kuphela? Bona, umzekelo, Lev. 17:11, Nd. 32:1–5, 2 Sam. 12:1–13, Zek. 3:1–4.

Siye sive intethwana ethi, “ubabalo lufumaneka lula.” Kanti ke, kukulubiza ngendlela engeyiyo. Ubabalo asinto ingenaxabiso, efunaneka lula—lufumaneka simahla (kuthi). Phofu siyalonakalisa xa sicinga ukuba singongeza kulo ngemisebenzi yethu okanye sicinga ukuba singalusebenzisa ukuthethelela isono sethu. Kwawakho amava, leliphithi icala othanda ukukekelela kulo, unokuyiyeka njani loo nto?

Ukuhlangulwa Esiqalekisweni (Gal. 3:9–14)

Abaphikisana noPawulos, ngokuqinisekileyo bamangaliswa ngamazwi akhe abonisa isibindi kumaGalati 3:10. Ngokwenene abazange bayicinga bona into yokuba baphantsi kwesiqalekiso; ukuba kukho enye into, babelindele ukusikelelwa ngokuthobela kwabo. Kanti ke uPawulos, wayethetha into enye kuphela: “Kuba bonke abangabasemisebenzini yomthetho, baphantsi kwesiqalekiso; kuba kubhaliwe kwathiwa, Baqalekisiwe bonke abangahlaliyo ezintweni zonke ezibhaliweyo encwadini yomthetho, ukuba bazenze” [ucinezelo lolombhali]. UPawulos uthelekisa izinto ezahlukeneyo: usindiso ngokholo nosindiso ngemisebenzi. Iintsikhelelo neziqalekiso zomnqophiso ezandlalwe kuDuteronomi 27 nama-28 zazicacile. Abo babethobela babesikelelwa, abo babengathobeli babeqalekiswa. Oko kwakuthetha ukuthi, ukuba umntu ufuna ukuxhomekeka ekuthobeleni umthetho ukuze amkelwe nguThixo, kufuneka ngoko wonke umthetho ugciniwe. Asinayo inkululeko yokukhetha ukuba sifuna ukulandela ntoni; kwaye kungafuneki nokuba sicinge ukuba uThixo unentumekelelo yokungazikhathaleli iimpazamo ezimbalwa apha naphaya. Nguwo uphelele okanye ungabikho konke (umthetho). Ezi ke, zindaba ezimbi, kungekuphela kwiiNtlanga kodwa nakwabaphikisana noPawulos abaqonondisa umthetho, kuba “sonke sonile, sasilela eluzukweni lukaThixo” (Roma 3:23). Nokuba sesizama kangakanani ukuba silunge, umthetho uyasisgweba kuphela, njengabawaphulayo umthetho.

UKristu wasisindisa njani kwisiqalekiso somthetho? Bona: Galati 3:13, 2 Korinte 5:21.

UPawulos uveza esinye isifaniso ukuchaza into uThixo asenzele yona kuKristu. Igama ukuhlangula lithetha “ukuthenga kwakhona.” Lalisetenziswa njengexabiso lentlawulo ekhutshwa ukukhulula abathinjwa okanye ixabiso elihlawulwa ukukhulula amakhoboka. Kuba umvuzo wesono ikukufa, isiqalekiso sokusilela ukugcina umthetho sasikholisa ukuba sisigwebo sokufa. Ixabiso elihlawulelwa ukusindiswa kwethu asinto eyayingabalulekanga; lamdla uThixo ubomi bowaKhe uNyana (Yohane 3:16). UYesu wasihlangula kwisiqalekiso ngokuthi abe ngumthwali wesono (2 Kor. 5:21). UPawulos ucaphula uDuteronomi 21:23 njengesibhalo esixhasayo. Ngokwesithethe sobuYuda, umntu wayephantsi kwesiqalekiso ukuba, emva kokubulawa, umzimba wawujinga emthini. Ukufa kukaYesu emnqamlezweni kwakubonwa njengomzekelo wesi siqalekiso (IZenzo 5:30, 1 Pet. 2:24). Akumangalisi, ke ngoko, ukuba umnqamlezo wawusisikhubekiso kwamanye amaYuda awayengakwazi ukuyizikisa ingcamango yokuba uMesiya wayeqalekisiwe nguThixo. Kanti ke eli, yayilicebo likaThixo kanye. Ewe, uMesiya wathwala isiqalekiso, kodwa sasingesiso esaKhe—sasisesethu!

Ingcamango Eyongeziweyo:

“Phezu kukaKristu ongummeli nesiqinisekiso sethu, kwabekwa ubugwenxa bethu sonke. Wabalwa njengomoni, ukuze asihlangule ekugwetyweni ngumthetho. Ityala lakhe wonke oyinzala ka-Adam lalicinezele intliziyo yaKhe. Ingqumbo kaThixo yayichasene nesono, imbonakalo embi yokunganeliseki kwaKhe ngenxa yobugwenxa, yawuzalisa umphefumlo woNyana waKhe kukukhathazeka. Bonke ubomi baKhe, uKristu wayesasaza kwilizwe eliwileyo iindaba ezilungileyo zenceba nothando oluxolelayo lukaYise. Umxholo waKhe wawusithi, Usindiso longomkhulu umoni. Ngoku, ngobunzima obukhulu betyala abuthweleyo, usuka angabuboni ubuso obuxolelanisayo bukaYise. Ukubuya umva kwembonakalo yezulu kuMsindisi ngale yure yentlungu enkulu kakhulu, kwayihlaba intliziyo yaKhe ngosizi olungekhe luqondwe ngokupheleleyo ngumntu. Yayinkulu intlungu yomphefumlo wakhe kangangokuba intlungu yasenyameni kwakunzima ukuyiva.”—Ellen G. White, *The Desire of Ages*, p. 753. “ULuther ngoku wawuqala ngesibini umsebenzi wakhe njengetshawe lenyaniso. Ilizwi lakhe lavakala eqongeni lokushumayela linesilumkiso esinyanisekileyo, nesinendili. Wabeka phambi kwabantu isimilo esibi sesono, wabafundisa ukuba, akanakho umntu, ngeyakhe imisebenzi, ukulicutha ityala lakhe okanye asiphephe isohlwayo saso. Akukho nto ngaphandle kokuguqumela kuThixo nokukholwa kuKristu enokumsindisa umoni. Ubabalo lukaKristu alunako ukuthengwa; lususiphosho sasimahlala. Wabayala abantu ukuba bangazithengi iincwadi ezazithengiselwa ukuxolelwa [iziyekelelo], koko bakhangele ngokholo kumHlanguli owabethelelwayo.”—Ellen G. White, *The Great Controversy*, p. 129.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Nanamhlanje kwelethu ibandla, abanye bakufumana kunzima ukwamkela usindiso ngokholo kuphela, nokuba ubabalo lukaThixo, ngoKristu, luyasisindisa, ngaphandle kwemisebenzi yethu. Yintoni eqhuba oku kuthandabuza kwabanye ukuyamkela le nyaniso ibalulekileyo?
2. UPawulos wathetha kalukhuni ngempazamo yolwazi ngoThixo engosindiso ngemisebenzi. Isixelela ntoni le nto ngokubaluleka kolwazi ngoThixo olulungileyo? Kutheni le nto thina, njengebandla, kufuneka sime, ngamandla ukuba kufuneka njalo, xa kufundiswa imposiso phakathi kwethu?

Isishwankathelo:

Ukususela ekuqaleni kuse ekugqibeleni kubomi bobuKristu, isiseko sosindiso lwethu lukholo kuKristu kuphela. Kwakungenxa yokukholwa kuka-Abraham kwizithembiso zikaThixo ukuze abalelwe ukuba ulilungisa, kwaye eso siphosho sinye sobulungisa siyafumaneka kuye wonke ubani namhlanje onesabelo sokholo luka-Abraham. Isizathu ekuphela kwaso sokuba singagwetywa ngenxa yeempazamo zethu, kungokuba uYesu walihlawula ixabiso lezono zethu ngokufa endaweni yethu.

